



UVayu umoya

Madhuri Pai and Rohini
Nilekani
isiXhosa




African
Storybook.org

Rhoqo xa ndigqiba
kuhlamba kwibhafu
eshushu, shushu.

Umzimba wam uphola ube
myoli myoli myoli.

Ingaba ngubani owenza
oko kwenzeke?

NguVayu, umoya!





Ubisi kwikomityi yam –
luyatshisa, tshisa tshisa.

Kodwa msinyane luyaphola
ndiluginye.

Ingaba ngubani owenza
oko kwenzeke?


NguVayu, umoya!

Ikhethini iyaphaphatheka
efestileni
indiphulule izidlele.

Ingaba ngubani owenza
oko kwenzeka?

NguVayu, umoya!





Nako kubaneka, kude
phaya.

Amafu amnyama
ayabaleka ayasondela.

Ingaba ngubani owenza
oko kwenzeke?


NguVayu, umoya!

Imithi iyahexa, amagqabi
ayaphaphatheka.

lintyatyambo ziyawa.

Ingaba ngubani owenza
konke oko?

NguVayu, umoya!





Kude nekhaya siyadlala,
kodwa, ndiyaliva ivumba
leelelese zikamama.

Ingaba ngubani owenza
oko kwenzeka?

NguVayu, umoya!


Nantso iglasi yokusela
efestileni.


Yawa emhlabeni
yaqhekeka.

Enkosi bawo, bendingeko
apho.

Ngubani owenze loo
ntlondi?

Nakanjani! IbinguVayu,
umoya!





Kukhala umlozi. Uloliwe uyangena.

Andimboni, kodwa ndiyakuva ukundila kwakhe.

Ingaba ngubani owenza oko kwenzeka?

NguVayu, umoya!

Akabonakali.

Akavakali.

Uwenzawonke umsebenzi.

Akaphosineliswi.

Ingabangubani?

Nakanjani!

Ngumoya!





UVayu umoya

Writer: Madhuri Pai and Rohini Nilekani

Illustration: Rijuta Ghate

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa

© Pratham Books, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.



**PRATHAM
BOOKS**

A Book in Every Child's Hand

Pratham Books is a not-for profit organization that publishes books in multiple Indian languages to promote reading among children. See: www.prathambooks.org.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative